# 2018 >> Ikhalenda Yokucwangcisela Izikolo

**Le shedyuli yemihla yeeprogram zoqeqesho, iintlanganiso, iimvavanyo neemvwiwo kunye nemihla emiselweyo ebalulekileyo yezolawulo, ikhutshelwa ukunceda izikolo xa zicwangcisela u-2017.**

## Oomasifundisane boqeqesho okanye iintlanganiso

I-*WCED* iya kuqhuba iikhosi ezinganyanzelekanga (optional courses) ukuhlangabezana neemfuno ezithile, umzekelo, izifundo zobuchule kwiThekhinoloji yezeNgcaciso noNxibelelwano (i-ICT), imfundo eneemfuno ezizodwa neekhosi ezingobudlelane phakathi komqeshi nomqeshwa. Ii-ofisi zezithili ziya kupapasha uqeqesho oluya kuqhubeka emva ko-15:00 ngeentsuku zesikolo.

I-*Cape Teaching and Leadership Institute* (i-*CTLI*) iya kube iqhuba iqela leenkqubo zoqeqesho, iisemina neenkomfa ngo-2018. Ziya kuthunyelwa kuzo zonke izikolo ngoSeptemba 2017 iinkcukacha zezi khosi zootitshala zeeveki ezimbini zekharityhulam (zekhontenti nemethodoloji) yeSigaba seSiseko, ezeSigaba esiPhakathi nezeSigaba esiPhakamileyo kunye nekhosi yeeveki ezimbini engeendima nemisebenzi yeentloko zezifundo, eyamasekela-nqununu kunye neyeenqununu iya kuthunyelwa kuzo zonke izikolo ngoSeptemba 2017.

Ngena kwiziko lewebhu leWCED **http://wced.westerncape.gov.za** okanye **www.wcedctli.co.za** ukubona iprogram.

### Iintlanganiso zeeNqununu kwiisekethe:

Kuya kubakho intlanganiso yesekethe ibe nye yeenqununu ngekota nganye neqala ngo-13:00 ngosuku olo luchaphazelekayo. Oku kungalandelwa yintlanganiso yeforam yeenqununu zezithili.

Imihla yeentlanganiso zango-2018 zeeForam zeeNqununu zePhondo yile ilandelayo:

- 23 Februwari 2018
- 25 Meyi 2018
- 24 Agasti 2018
- 16 Novemba 2018

Iintlanganiso zezithili zeeforam zeenqununu zango-2018 ziya kucwangciswa phakathi kwale mihla ilandelayo:

- 05 ne-09 Februwari 2018
- 07 ne-11 Meyi 2018
- 06 ne-10 Agasti 2018
- 29 Oktobha ne-02 Novemba 2018

## Iikota zesikolo zika-2017

| Ikota yesikolo | Iqala | Iphele | Inani leeveki | Inani leentsuku zesikolo |
|---|---|---|---|---|
| Eyokuqala | 15 Januwari (kootitshala)<br>17 Januwari (kubafundi) | 28 Matshi | 11 | 52 (kootitshala)<br>50 (kubafundi) |
| Eyesibini | 10 April | 22 Junl | 11 | 51 |
| Eyesithathu | 17 July | 28 Septemba | 11 | 51 |
| Eyesine | 09 October | 112 Disemba (kubafundi)<br>14 Disemba (kootitshala) | 10 | 49 (kootitshala)<br>47 (kubafundi) |

### IiProgram ezingeeHolide zeZikolo eziKhuselekileyo

Iiprogram zabafundi ziqhutywa liCandelwana leZikolo eziKhuselekileyo ngethuba leeholide zesikolo.

### Imihla yeeProgram zeHolide zeZikolo eZikhuselekileyo

- 08 ukuya kwi-16 Januwari 2018 (iphulo lokubuyela esikolweni)
- 03 ukuya kwi-06 Apreli 2018 (iphulo lokubuyela esikolweni)
- 25 Juni ukuya kwi-13 Julayi 2018
- 01 ukuya ku-04 Oktobha 2018

### Iiprogram zasemva kweeyure zesikolo nezophuculo lwezikolo

Izikolo maziqinisekise ukuba zinazo iiprogram zasemva kweeyure zezikolo ezicwangcisiweyo ubuncinane EZIMBINI kunye/okanye nezophuculo lwezikolo ezinika BONKE abafundi ithuba lokuthatha inxaxheba. IsiCwangciso sezeMidlalo sikaZwelonke (*National Sports Plan*) sifuna ukuba izikolo zibhalise kwaye zithathe inxaxheba kwiikhowudi zezemidlalo ezimbini zasebusika nezimbini zasehlotyeni ubuncinane.

### Ikhalenda yeBhunga eliMele aBafundi (ii-*RCL*)

Ukwaziswa ngokusesikweni (*induction*) kwee-RCL ezintsha kucwangciselwe uFebruwari ukuya kuMatshi 2018. Zonke izikolo zikarhulumente ezinamaBakala 8 nangaphezulu mazinyule ootitshala abangamagosa oqhagamshelwano (*teacher liaison officers (TLOs)*) ngoSeptemba 2018. Ukunyulwa kwee-RCL kuya kuqhubeka kwikota yesikolo yokugqibela ka-2018.

## Ukukhuselwa kwexesha lokufundisa

Izikolo mazikhusele ixesha lokufundisa yaye zikuxhase ukufunda ngokulandelayo:

- Bonke abafundi mababe sesikolweni befunda ngazo zonke iintsuku eziyi-199 (ziintsuku eziyi-203 kootitshala), ngokungqinelana nomgaqo-nkqubo i-National Learner Attendance Policy.
- Ukufundisa kuqala ngosuku lokuqala lwekota nganye.
- Ngosuku lokugqibela lwekota yesikolo, abafundi mababe sesikolweni iiyure ezintathu ubuncinane. Ootitshala balindeleke ukuba babe sesikolweni ubuncinane beeyure ezintlanu.
- Makuqatshelwe elona nani lisezantsi leeyure zokufundisa kwibakala ngalinye (ezi yure aziquki mathuba eendibano zabafundi ndawonye (assemblies) nawokutya eProgram yoKutyiswa kwaBantwana Besikolo kaZwelonke).
- Iihambo zesikolo zokufunda mazinxibelelane kwaye ziphucule ikharityhulam. Izicelo zeehambo zesikolo zokufunda mazingeniswe kumlawuli wesithili ubuncinane kwiiveki ezine ngaphambi kwaloo mhla wohambo ucetywayo.

Western Cape Government
Education

Grand Central Towers, Lower Parliament Street, Cape Town
Private Bag X9114, Cape Town 8000
http://wced.school.za
WCED Client Services Call Centre: 0861 92 33 22
Safe Schools Call Centre: 0800 45 46 47

## Iimvavanyo neemviwo

### IiMvavanyo zeNkqubo yeMfundo yeWCED (*WCED Systemic Tests*) (AmaBakala 3, 6 no-9)

I-WCED iya kuqhuba iimvavanyo zenkqubo yemfundo kumaBakala 3, 6 no-9 ukususela nge-10 ukuya kwi-24 Oktobha 2018. Ezi mvavanyo ziya kuthatha usuku lwesikolo lube lunye ukwenziwa kwakusasa.

### Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (i-*NSC*)

- **Ukukhutshwa kweziphumo zeemviwo zeNSC zika-2017** > 05 Januwari 2018 (kusezoqinisekiswa)
- **AmaBhaso okuWonga eNSC** > 11 Januwari 2018 (kusezoqinisekiswa)
- **Iimviwo zokuXabangela zeNCS** > 19 Februwari ukuya kwi-27 Matshi 2018 (kusezoqinisekiswa)
- **Ukuqeqeshwa kwabagadi babaviwa** > 27 Agasti ukuya kwi-28 Septemba 2018
- **Iimviwo zepraktikhali zeNSC** > 15 ne-16 Oktobha 2018 (kusezoqinisekiswa)
- **Iimviwo zango-2018 zeNCS** > 22 Oktobha ukuya kwi-27 Novemba 2018 (kusezoqinisekiswa)
- **Umakisho lweemviwo zika-2018 zeNSC** > 01 Disemba 2018 (kusezoqinisekiswa)

### Iimviwo zokuzivavanya (trial examinations) zangoSeptemba zeBakala 12

Kufuneka ezi mviwo zingaqali ngaphambi kwe-03 Septemba 2018. Makucwangciswe iiseshoni ezimbini zoviwo ngosuku ngalunye, nini na apho kunako ukwenzeka. Onke amanye amabakala aya kuba exakeke ziimvavanyo zangaphakathi.

### Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

- 22 Meyi 2018 ukuya kwi-29 Juni 2018 (kusezoqinisekiswa)

### Ukumodareyitha

- IMisebenzi yoVavanyo lweNkqubo yaBafundi (*Performance Assessment Tasks*) iya kumodareyithwa ngekota yokuqala neyesibini.
- Ukumodareyithwa kweorali yeBakala 12 kuqala ngoAgasti 2018.
- Iimviwo zepraktikhali zeBakala 12 ziqala ngoAgasti 2018.
- Ukumodareyithwa kwenkqubo yoVavanyo oluQhubekela eZikolweni (i-SBA) yePhondo kuya kuqhubeka ngoOktobha 2018.

Iishedyuli ezinemihla echanekileyo ziya kuthunyelwa ezikolweni kwangaphambili.

### Iimvavanyo zangaphakathi

#### AmaBakala 4 ukuya ku-6

Izikolo ezifundisa amaBakala 4 ukuya ku-6 akuvumelekanga ukuba ziqale iimviwo zazo phambi kwe-04 Juni 2018 ne-19 Novemba 2018.

#### AmaBakala 7 ukuya ku-9

Izikolo ezifundisa amaBakala 7 ukuya ku-9 akuvumelekanga ukuba ziqale iimviwo zazo phambi kwe-30 Meyi 2018 ne-12 Novemba 2018.

#### AmaBakala 10 ukuya ku-12

Izikolo ezifundisa amaBakala 10, 11, no-12 (apho kufanelekileyo) akuvumelekanga ukuba ziqale iimviwo zazo phambi kwe-28 Meyi 2018 ne-12 Novemba 2018.

Bonke abafundi kufuneka ngokomthetho bahambe isikolo ngethuba lonke kuqhubeka nayiphi inkqubo yovavanyo okanye yoviwo, ngaphandle kwabafundi beBakala 12, abaya kuba nelungelo lokusebenzisa iintsuku ezintlanu zokufunda phambi kokuqala kweemviwo zeNSC zokuphela konyaka.

### Ukufakwa kwikhompyutha kweNdlela eziQhuba ngayo eZifundweni iZikolo ngeKota (*Online submission of Term Performance*)

Ngo-2018 ziya kucelwa izikolo zifake ingcaciso yazo ngekota ngomfundi ngamnye: Izikolo kuya kufuneka zingenise ingcaciso yeNdlela eziQhuba ngayo iZikolo eZifundweni ngeKota (Term Performance) yabafundi kwisistim yeCEMIS ngale mihla ilandelayo:

**IKota 1: Ukuvulwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni iSikolo ngeKota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 26 Matshi 2018
**Ukusayinelwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni isikolo ngekota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 20 Apreli 2018

**IKota 2: Ukuvulwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni iSikolo ngeKota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 18 Juni 2018
**Ukusayinelwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni isikolo ngekota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 27 Julayi 2018

**IKota 3: Ukuvulwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni isikolo ngekota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 25 Septemba 2018
**Ukusayinelwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni isikolo ngekota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 19 Oktobha 2018

**IKota 4: Ukuvulwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni iSikolo ngeKota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 19 Novemba 2018
**Ukusayinelwa kweNdlela esiQhuba ngayo eZifundweni iSikolo ngeKota ukwenzela ukufakwa kwikhompyutha** > 12 Disemba 2018

### Utshintsho lwezifundo

| IBakala | Inani ekuvumelekileyo ukulitshintsha | Umhla wokuvala kwezicelo | Ukufakwa kweenkcukacha kwi-CEMIS |
|---|---|---|---|
| IBkl 10 | Zonke izifundo zeBkl 10 + isifundo se-8/9 | 31 Matshi 2018 | 30 Apreli 2018 |
| IBkl 10 | Ubuninzi bezifundo ezibini | 30 Juni 2018 | 31Julayi 2018 |
| IBkl 11 | Ubuninzi bezifundo ezibini | 31 Matshi 2018 | 30 Apreli 2018 |
| IBkl 12 | Ubuninzi besifundo sibe sinye EKUPHELENI kweBkl 11 | 15 Disemba 2017 | 22 Januwari 2018 |



## IziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (ii-SIP) nezeNkqubo yokuBeka eSweni uPhuculo lweSikolo (ii-SIM)

| Umsebenzi | Umhla osikiweyo |
|---|---|
| Izikolo zigqiba ii-SIP zazo zango-2018 | 14 Februwari 2018 |
| Ukusayinelwa kwee-SIP ngo-2018 ngaBaphathi beeSekethe neenqununu | 28 Februwari 2018 |
| Makuzaliswe iripoti yekota i-SIM kwisistim ye-CEMIS yaye isayinelwe yinqununu nomphathi wesekethe kwiikopi ezimbini eziprintiweyo ezigcinelwe iinjongo zophicotho-zincwadi (enye esikolweni enye kwi-ofisi yesithili) | 26 Matshi 2018<br>20 Juni 2018<br>26 Septemba 2018<br>16 Novemba 2018 |
| Ukusayinelwa kwe-SIP ka-2019 eyidrafti zizikolo | 28 Septemba 2018 |

## Imihla yenkqubo yolawulo lwentsebenzo

| Umsebenzi | Umhla osikiweyo |
|---|---|
| Amanqaku okwandlalela (kootitshala abatsha) | 15 Matshi 2018 |
| Ukungeniswa kwamanqaku e-SPMDS abasebenzi benkonzo karhulumente kwii-ofisi zezithili | 13 Apreli 2018 |
| Ukungeniswa kwezatifikethi zeemvumelwano yentsebenzo zabasebenzi benkonzo karhulumente kwii-ofisi zezithili | 15 Meyi 2018 |
| Ukugqiba uvavanyo olushwankathelayo (summative evaluation), uluhlu lwamalungu e-SDT kwanezicwangciso zokuphucula ootitshala (educator improvement plans) (ii-EIP). | 28 Septemba 2018 |
| Ukungeniswa kwezatifikethi zokuhlolwa kwentsebenzo (review certificates) zaqho ngeenyanga ezi-6 zabasebenzi benkonzo karhulumente kwii-ofisi zezithili | 26 Oktobha 2018 |
| Izikolo zingenisa iingxelo zokumodareyithwa kwangaphakathi kwinkqubo yokuhlola intsebenzo i-IQMS evaluation process | 31 Oktobha 2018 |

## IMimiselo neMigangatho yoLwabiwo-mali (N&S) yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (kuqukwa neBakala R namaziko azimeleyo eBakala R)

| Umsebenzi | Umhla osikiweyo |
|---|---|
| Isabelo se-N&S sokuqala sonyaka-mali ka-2018/19 sezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (kuqukwa neBakala R) namaziko azimeleyo eBakala R sipapashwa kwiCEMIS. | 16 Matshi 2018 |
| Intlawulo ye-N&S eyandulelayo ngomatshini nentlawulo yamabango eBakala R kanyaka-mali 2018/19 | 15 Meyi 2018 |
| Isabelo se-N&S sesibini sikanyaka-mali ka-2018/19 sezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (kuqukwa neBakala R) sipapashwa kwiCEMIS. | 28 Septemba 2018 |
| Intlawulo ye-N&S yesibini ngomatshini yamabango eBakala R kanyaka-mali 2018/19 kunye nembuyiselo kwizikolo ngokuxolela abafundi ekuhlawuliseni iifizi (fee exemptions) | 15 Novemba 2018 |

## Izixhobo zokuncedisa ukufunda nokufundisa (ii-*LTSM*)

Ukuthengwa kwee-LTSM, ngokukodwa iincwadi zezifundo, iincwadi zezifundo (textbooks), izinto zokubhala zabafundi nezibonelelo zokufunda zaselayibrari (iincwadi/izinto eziprintiweyo, ii-*audio-visual* nee-e-*Resources*), mazithathelwe ingqalelo eyodwa ukwenzela ukuba abafundi bangadleleleki. Makuqatshelwe le mihla ilandelayo ukuze kwenzeke oku:

**Makungeniswe ii-WCED 032 forms kwaNdlunkulu** (zizikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21 kuphela):
**> 28 Matshi 2018**

Uku-odolwa kwikhompyutha kwezinto zokubhala nezinto zokucoca (zizikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21kuphela)
**> 07–18 Meyi 2018**
**> nange-06–10 Agasti 2018**

Uku-odolwa kwikhompyutha kweencwadi zezifundo zokongezelela zeCAPS
**> 28 Meyi–08 Juni 2018**

## Ukuqeshwa kootitshala nezithuba ezabelwe amaziko (*staff establishments*)

### Imihla yopapasho

| | |
|---|---|
| **ULuhlu lweZithuba 1:** | 19 Februwari 2018 |
| **ULuhlu lweZithuba 2:** | 04 Juni 2018 |
| **ULuhlu lweZithuba 3:** | 03 Septemba 2018 |

### Imihla amanani ezithuba ezabelwe amaziko aya kufumaneka:

| | | |
|---|---|---|
| 1 | Amanani ezithuba ezabelwe izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-2019 | 31 Agasti 2018 |
| 2 | Amanani ezithuba ezabelwe izikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa ngo-2019 | 07 Septemba 2018 |
| 3 | Amanani ezithuba ezabelwe abasebenzi benkonzo karhulumente kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-2019 | 21 Septemba 2018 |
| 4 | Amanani ezithuba ezabelwe abasebenzi benkonzo karhulumente kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa ngo-2019 | 28 Septemba 2018 |

## IZikim zoThutho lwaBafundi (ii-*LTS*)

Izikolo zingenisa izicelo zeendlela ezintsha zeLTS, eziya kuqala ngoJanuwari 2019, kubaphathi beesekethe **> 4 August 2017**

Izikolo zingenisa izicelo ezitsha (zango-2019) zabafundi abongezelelweyo kubaphathi beesekethe **> 16 Agasti 2017**

## Ifanitshala nezixhobo

| Activity | Umhla omisiweyo |
|---|---|
| Izikolo zingenisa iirikhwizishini (WCED 026A & 026B) zefanitshala yezikolo nezixhobo ze-ofisi yesithili | 02 Februwari 2018 |
| Ii-ofisi zezithili zingenisa iilisti emakuqalwe ngazo zefanitshala nezixhobo kwiCandelo eliyiNtloko leZithili: | 23 Februwari 2018 |
| Ukufakwa kwikhompyutha kwe-inventri yefanitshala nezixhobo zokusebenza: | 27–31 Agasti 2018 |

## Imihla ebalulekileyo yezolawulo ngo-2018

| Umsebenzi | Umhla osikiweyo |
|---|---|
| Ukungeniswa kwikhompyutha kwezicelo zezithuba zengqesho ezongeziweyo nezekharityhulam | 17 ukuya kwi-31 Januwari 2018 |
| Ukungeniswa kwezicelo zokumakishwa kwakhona koviwo lweNSC nokutshekishwa kwakhona | 19 Januwari 2018 |
| Umhla wokuvala ukubhalisela iimviwo zokuXabangela zeNSC | 19 Januwari 2018 |
| Ukungeniswa kwezicelo zabasebenzi bakarhulumente zokwenza umsebenzi ohlawulelwayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente (remunerative work outside the public service (RWOPS) ngo-2018 nango-2019 kwiCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule (abaqeshwa baya kufumana iimpendulo ekupheleni kukaMatshi 2018) | 26 Januwari 2018 |
| ISaveyi eQuphayo yeWCED yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo | 30 Januwari 2018 (Ngosuku lweshumi lwesikolo) |
| ISaveyi yaQho ngoNyaka yeWCED kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo<br>ISaveyi yaQho ngoNyaka yeWCED yamaZiko oPhuhliso lwaBasaqalayo<br>ISaveyi eQuphayo yeWCED yezikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa | 06 Matshi 2018 (kuLwesibini woku-1 ngoMatshi) |
| Umhla wokuvala ukubhalisela iimviwo zeNSC zango-2018 | 15 Matshi 2018 |
| Ukufakwa kwedatha kwikhompyutha ephathelele kumalungu asandula ukunyulwa ebhunga lolawulo | 28 Matshi 2018 |
| Ukungeniswa kwezicelo zokwandiswa kunye/okanye zokuncitshiswa kwekharityhulam kwii-ofisi zezithili ngo-2019 | 28 Matshi 2018 |
| Ukusayinelwa kwiCEMIS kwembuyiselo yeentlawulo yokuxolelwa ukuhlawula iifizi | 03 Apreli 2018 |
| I-Quarterly Attendance Return Capture Screen | 13 Apreli 2018<br>20 Julayi 2018<br>12 Oktobha 2018<br>14 Disemba 2018 |
| Ukusayinelwa kwiCEMIS kwezikolo imbuyiselo yeentlawulo yokuxolelwa ukuhlawula iifizi | 31 Meyi 2018 |
| Imbuyiselo yeentlawulo yokuxolelwa ukuhlawula iifizi: Izikolo zingenisa ingcaciso e-odithiweyo kumphathi wesekethe ochaphazelekayo kwi-ofisi yesithili nokuvalwa kweCEMIS zizo zonke izikolo | 29 Juni 2018 |
| Ukusayinelwa kweerejista zabafundi zamaBakala 3, 6 no-9 kwinkqubo yovavanyo iWCED Systemic Tests kwiCEMIS | 27 Julayi 2018 |
| Ukungeniswa kwezicelo ze-Section 38B applications) | 1 Agasti 2018 |
| Ukufakwa kwiCEMIS kwamanqaku e-SBA yeBakala 12 | Septemba 2018 |
| ISaveyi yaQho ngoNyaka yeWCED yeZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa (yenziwa kwikhompyutha) | 06 Septemba 2018<br>(NgoLwesine woku-1 kuSeptemba) |
| Imbuyiselo yeentlawulo yokuxolelwa ukuhlawula iifizi: I-WCED yazisa izikolo ngesixa esiya kukhutshelwa imbuyiselo yezikolo ngokungahlawulisi fizi (school fees exemptions) | 28 Septemba 2018 |
| Ukulungela kwezikolo ukufaka kwiCEMIS kwedatha yokupasa nokudlulela kwibakala elilandelayo kwabafundi | 14 Novemba 2018 |
| Ukufakwa kwiCEMIS kweeRipoti zokuGcinwa nokuBuyiselwa kweeNcwadi zeZifundo ngaBafundi | 19 Novemba 2018 ukuya kwi-12 Disemba 2018 |
| Ukungeniswa kwebhajethi yesikolo ka-2019 kwii-ofisi zezithili | 03 Disemba 2018 |
| Ukufakwa kwiCEMIS kwedatha yokupasa nokudlulela kwabafundi kwelinye ibakala | Kude kuyokuba ngowe-12 Disemba 2018 |

## Imihla yokwamkelwa kwezicelo zabafundi ezikolweni ngo-2018

| | |
|---|---|
| I-SAMI ivulelwa ukufaka amanani obhaliso acwangcisiweyo | 01 Februwari 2018 |
| Izikolo zisayinela amanani obhaliso acwangcisiweyo | 07 Februwari 2018 |
| Abaphathi beeSekethe basayinela amanani obhaliso | 12 Februwari 2018 |
| **Kuvuliwe** ukwamkelwa kwezicelo zokufunda zabafundi (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo) | 12 Februwari 2018 |
| **Kuvaliwe** ukwamkelwa kwezicelo zabafundi zokufunda (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo) | 23 Matshi 2018 |
| Izikolo zixela iziphumo zezicelo kwiSAMI phambi komhla we | 22 Juni 2018 |
| Kwaziswa abazali ngeleta ngesiphumo sesicelo | 22 Juni 2018 |
| Izikolo zifaka **zonke izicelo** ezifunyenweyo:<br>Izikolo zinako ukufaka izicelo ezifike mva kwikhompyutha nangaliphi na ixesha ukunceda abazali | 12 Februwari – 20 Juni 2018 |
| Abazali bangqina ukuyamkela indawo yokufunda | 23 Julayi 2018 |
| Izikolo zizalisa iindawo ezikhoyo | KwiKota 3 ngo-2018 |
| Izikolo zingqina amanani obhaliso | Emva kokusayinelwa kokupasa nokudlulela kwabafundi kwibakala elilandelayo |

## Ukutyelelwa ngabasebenzi bee-ofisi zezithili

(ukuphinda nohlobo lotyelelo)

Ii-ofisi zezithili ziya kunika ngexesha elifanelekileyo zonke izikolo irosta yokutyelelwa kwazo kwangethuba.

### Iinkcukacha zoqhagamshelwano zee-ofisi zezithili

| I-ofisi yesithili | Ifoni |
|---|---|
| I-Metro North | 021 938 3000 |
| I-Metro Central | 021 514 6700 |
| I-Metro South | 021 370 2000 |
| I-Metro East | 021 900 7000 |
| I-West Coast | 021 860 1200 |
| I-Cape Winelands | 023 348 4600 |
| I-Overberg | 028 214 7300 |
| I-Eden ne-Central Karoo | 044 803 8300 |